Urhwaphilizo sisibetho esijongela phantsi ukukhula koqoqosho kunye nophuhliso loluntu eMzantsi Afrika.

I-Ofisi yeKomishoni yeeNkonzo zikaRhulumente (i-OPSC) inoxanduva, phakathi kwezinye izinto, ukuphanda, ukubeka esweni, nokuvavanya umbutho nolawulo lweeNkonzo zikaRhulumente.

Urhwaphilizo kwiiNkonzo zikaRhulumente lujongela phantsi unikezelo lweenkonzo olusebenzayo ngokutyebisa amagosa anorhwaphilizo ngemali elungiselelwe uphuhliso lwentlalo noqoqosho lwelizwe. Ngaphandle nje kokunyusa iindleko zeenkonzo zikarhulumente kunye nokucothisa ukuhanjiswa kweenkonzo eluntwini, urhwaphilizo olugqugqisayo lunokuboyikisa abatyali-zimali bamazwe angaphandle.

Impumelelo yomlo wethu wokulwa norhwaphilizo ixhomekeke ekubandakanyeni kwabo bonke abemmi kuluntu lwethu. Ukuba ubona into yixele; luxele urhwaphilizo ngokutsalela umnxeba ongahlawulelwayo we-NACH ku-0800 701 701.

## IZINTO EZIYINYANI EZIBALULEKILEYO NGE-NACH

- **Ingaphezulu kwama-300 000 iminxeba etsaliweyo, exela izityholo zorhwaphilizo** kunye nolawulo olugwenxa ukususela oko kwasungulwa i-NACH ngowama-2004.

- Izilumkiso ezinikezelwe ngabaxeli babenzi bobubi **zikhokelele ekuphandweni kwamatyala orhwaphilizo angaphezulu kwama-24 035, namanye amatyala obuqhophololo** ngamasebe karhulumente kunye nezinye ii-arhente zogcino-mthetho.

- Kwikota yokuqala yonyaka-mali wama-2021/22, i-OPSC ifumene amatyala angama-337 anxulumene norhwaphilizo nge-NACH.

- Kumatyala angama-337, i-OPSC **iphande amatyala angama-35 okuqeshwa kunye nokuziphatha ngokunganyaniseki kwinkqubo yokufumana abaniki-zinkonzo**. Amatyala aseleyo aye athunyelwa kumasebe okanye kwezinye ii-arhente zogcino-mthetho ukuze aphandwe.

- **Abaxeli babenzi bobubi bangaxela ubuqhophololo okanye urhwaphilizo ngokungaziwa ngokuthumela i-imeyile ku-*Integrity@publicservicecorruptionhotline.org.za* okanye ngokutsalela umnxeba ongahlawulelwayo we-NACH: ku-0800 701 701.**

**Xela izenzo zorhwaphilizo ezirhanelwayo kwiiNkonzo zikaRhulumente ngaphandle koloyiko okanye ukwenzelelela.**